



Connect with stories

Encourage your children to be readers by helping them connect with the stories and books you read aloud to them. This is easy to do because children love to explore how the stories they read, relate to their own life experiences. They are also always eager to learn and know more about things they are interested in.



Here are some ideas for helping children connect to stories – before, during and after you have read them aloud.

BEFORE READING ALOUD

- ★ Talk about the front cover of the book. Ask your children what they think the story could be about.
- ★ Read the blurb on the back cover together. What does it tell you about the story? What does it make your children want to find out more about?
- ★ If the story is set in a real place, find the place on a map.

WHILE READING ALOUD

- ★ Allow time for your children to look at the pictures closely. Point out interesting details in the pictures.
- ★ Together with your children, make the sounds and movements of the characters in the stories – roar like a lion, hop like a rabbit, walk like a princess.
- ★ Use different voices for different characters.
- ★ Use facial expressions and gestures to act out a character you are reading about.



Zidibanise namabali

Khuthaza abantwana bakho ukuba bakuthande ukufunda ngokubancedisa ukuba bazidibanise namabali kunye neencwadi obafundela zona ngokuvakalayo. Kulula ukukwenza oku kuba abantwana bayathanda ukuhlola ukuba amabali abawafundayo, anxulumana njani namava obomi babo. Kwakhona basoloko bekuthakazelela ukufunda nokwazi banzi ngezinto abanomdla kuzo.

Nazi ezinye izimvo ezingokuncedisa abantwana ukuba bazidibanise namabali – phambi kokubafundela ngokuvakalayo, ngexesha lokubafundela nasemva koko.

PHAMBI KOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

- ★ Thethani ngoqweqwe lwencwadi olungaphambili. Buza abantwana bakho ukuba ingaba bacinga ukuba ibali lingantoni na.
- ★ Fundani kunye isishwankathelo kuqweqwe lwayo olungasemva. Sinixelela ntoni ngebali? Lenza ukuba abantwana bakho bafune ukufumanisa banzi ngantoni?
- ★ Ukuba ibali liqhutywa kwisimo sentlalo esiyindawo yenene, khangelani loo ndawo emephini.

XA UBAFUNDELA NGOKUVAKALAYO

- ★ Vumela abantwana bakho babe nexesha lokuqwalasela imifanekiso. Babonise iinkcukacha ezinomdla emifanekisweni.
- ★ Wena nabantwana bakho, linganisani izandi neentshukumo zabalinganiswa abasebalini – gqumani njengengonyama, ngcilezani njengomvundla, hambani njengengosazana.
- ★ Tshintsha-tshintshani amazwi nilinganise abalinganiswa abahluka-hlukileyo.
- ★ Thethani ngobuso nangezijekulo xa nilinganisa umlinganiswa enifunda ngaye.

After reading aloud

- ★ Ask your children what part of the story they liked the most. Together with your children act out this part of the story. Encourage them to interpret it in their own way. Their interpretation does not have to be exactly the same as in the book.
- ★ Encourage your children to connect with the characters in the story by asking them to talk about a time when they felt the same way the character did, for example, angry, scared or sad.
- ★ Ask your children to think of other stories they know that are similar in some way to the story you have just read. Talk about the way that these stories are similar and different.
- ★ Talk about interesting facts or characteristics of any animals or places in the story, for example, in which parts of the world hyenas are found, what they like to eat and how long they live.
- ★ Even after reading time is over, pretend to be the story characters until bedtime, or for part of the following day.
- ★ Together, change the names of the characters in the story to the names of people you know. Then read the story again using these names.

Emva kokufunda ngokuvakalayo

- ★ Buza abantwana bakho ukuba yeyiphi eyona ndawo yebali abayithande kakhulu. Wena nabantwana bakho linganisani le ndawo yebali. Bakhuthaze ukuba bayitolike ngendlela yabo. Akukho mfuneko yokuba bade balitolike ngendlela elibhalwe ngayo ncam encwadini.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba bazidibanise nabalinganiswa abasebalini ngokubacela ukuba bathethe ngexesha apho babeziva ngendlela efana naleyo aziva ngayo umlinganiswa, umzekelo, babe nomsindo, boyike okanye babe lusizi.
- ★ Cela abantwana bakho bacinge ngamanye amabali abawaziyo afana ngendlela ethile nebali ogqiba ukulifunda. Thethani ngendlela la mabali afana nahluka ngayo.
- ★ Thethani ngeenyano ezinomdla okanye abalinganiswa bazo naziphi izilwanyana okanye iindawo ezisebalini, umzekelo, iingcuka zifunyanwa kweziphi iindawo ehlabathini, into ezithanda ukuyitya nokuthi ziphila ithuba elingakanani.
- ★ Nasemva kokuba liphelile ixesha lokufunda, linganisani abalinganiswa abasebalini kude kufike ixesha lokuya kulala, okanye kwithuba elithile ngosuku olulandelayo.
- ★ Ninonke, tshintshani amagama abalinganiswa ebalini abe ngamagama abantu enibaziyo. Emva koko fundani ibali kwakhona ngokusebenzisa la magama.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGBALI.

Get creative!

Making books with children is a great way to help them understand the link between reading and writing. You can make simple books, like the cut-out-and-keep books in the supplement, or books that will last longer. Here are some ideas to try.

Create a story

1. Invite your children to tell you or a friend a story.
2. Then let them plan which part of the story they will put on each page of their book.
3. Give each child a blank book, and invite them to write and illustrate their story. Remember that the children can illustrate their stories in different ways, for example, by drawing pictures, pasting in photos and pasting in things like tickets, pieces of fabric, invitations or small, flat objects.



Sebenzisa ubugcisa bakho!

Ukwenza iincwadi nabantwana yindlela ebalulekileyo yokubancedisa ukuba baqonde unxulumano phakathi kokufunda nokubhala. Unakho ukwenza iincwadi ezilula, njengeencwadana onokuzisika-ze-uzigcine kuhlelo, okanye iincwadi ezinokusebenziseka ithuba elide. Nazi ezinye izimvo onokuzizama.

Qamba ibali

1. Mema abantwana bakho ukuba babalisele wena okanye umhlobo ibali.
2. Emva koko bavumele ukuba benze isicwangciso sokuba yeyiphi inxalenye yebali abaza kuyibeka kwiphepha ngalinye lencwadi yabo.
3. Nika umntwana ngamnye incwadi engenanto, uze ubameme ukuba babhale ngokunjalo bazobe ibali labo. Khumbula ukuba abantwana bangawazoba ngeendlela ezahluka-hlukileyo amabali abo, umzekelo, ngokuzoba imifanekiso, ukunamathisela iifoto nokunamathisela izinto ezifana namatikiti, iziqwengana zamalaphu, izimemo okanye izinto ezincinane, ezimcaba.




Make a book cover

Yenza uqweqwe lwencwadi



1. Cut out two sheets of thin cardboard for the front and back cover. Each sheet should be a bit bigger than the pages of your book.
1. Sika ukhuphe amacwecwe amabini ekhadibhodi ukwenzela uqweqwe lwencwadi olungaphambili nolungasemva. Icwecwe ngalinye malibe likhulu kunamaphepha encwadi yakho.
2. Cut out two pieces of pretty paper, or use blank paper and decorate it to suit what your story is about. Each piece of paper should be longer and wider than the cardboard in (1). Then place one piece of pretty paper face-down and paste a sheet of the cardboard from (1) in the middle. Repeat this with the other sheet of pretty paper and cardboard.

2. Sika amaphetshana amabini amahle, okanye usebenzise iphepha elingenanto uze ulihombise ukuze lifanele okuqulethwe libali lakho. Iphetshana ngalinye malibe lide futhi libe banzi kunekhadibhodi eku-(1). Emva koko beka iphetshana elinye elihle liqubude uze unamathisele icwecwe lekhadi elivela ku-(1) esizikithini. Kuphinde oku ngokusebenzisa elinye icwecwe lephepha elihle kunye nekhadibhodi.



3. Fold in the corners of the pretty paper and glue them down.
3. Songa iikona zephepha elihle uze uzinamathisele ngegglu ukuya ezantsi.
4. Fold in the sides of the pretty paper and glue them down.
4. Songa amacala ephepha elihle uze uwanamathisele ngegglu ukuya ezantsi.
5. Cut out two sheets of paper to go on the inside of the pretty paper. Glue them down onto each cover.
5. Sika amacwecwe amabini ephepha aza kunamathela kumphakathi wephepha elihle. Wanamathisele kumphandle wencwadi ngamnye ukuya ezantsi.

Bind the book

Dibanisa incwadi



1. Put the story pages inside the covers. Clip the covers and pages in place with pegs or clips.
1. Faka amaphepha ebali phakathi kwamaqweqwe. Waqhoboshele kunye amaqweqwe namaphepha ngeephegi okanye ngeekliphu.
2. Make two holes along the left side of your book a little way from the top and bottom edges.
2. Vula imingxuma emibini kwicala elingasekhohlo lencwadi yakho qelele nje kancinane ukusuka kumphetho ongasentla nongasezantsi.



3. Thread a long piece of ribbon, string or wool through the holes a few times. Leave enough ribbon on the one side of your book to tie a bow.
3. Hlohla iribhoni ende, umsondo okanye iwulu emingxunyeni izihlandlo ezimbalwa. Shiya iribhoni eyaneleyo kwicala elinye lencwadi yakho ukuze wenze iqhina elifutshane.
4. Tie the two pieces of ribbon in a knot and then tie a bow. Write the title of your story, as well as the name of the author and illustrator on the front cover.
4. Bopha kunye iziqwenga ezibini zeribhoni ukuze wenze iqhina wandule ukwenza iqhina elifutshane lokuhombisa. Bhala isihloko sebali lakho, ngokunjalo negama lombhali kunye nelomzobi kuqweqwe olungaphambili.

Photos/iifoto: Chélan Naicker

Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

About Hope

Age: 10

Friends: Neo, Josh


Favourite fruit: bananas

Favourite sport: karate

Books she likes: novels about the daily lives of children her own age, and information books about wild animals or karate

Here's an idea ...

- ✂ Cut out and colour in the picture of Hope and then paste it on a large sheet of paper. Next draw a thought bubble above Hope's head. Then draw a picture inside the thought bubble to show Hope thinking about competing in her next karate competition.
- ✂ Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!



Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa bakho obathandayo bakwaNal'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!

Malunga noHope

Ubudala: 10

Abahlobo: nguNeo, nguJosh

Ezona ziqhamo azithandayo: ziibhanana

Owona mdlalo awuthandayo: yikarati

Iincwadi azithandayo: ziinoveli ezingobomi bemihla ngemihla babantwana abaziintanga zakhe, kunye neencwadi zeenkukacha malunga nezilwanyana zasendle okanye ikarati

Nalu uluvo ...

- ✂ Sika uze ufake imibala emfanekisweni kaHope wandule ukuwunamathisela kwicwecwe elikhulu lephepha. Landelisa ngokuzoba iqamza leengcinga ngasentla kwentloko kaHope. Emva koko zoba umfanekiso phakathi kweqamza leengcinga ukuze ubonise uHope ecinga ngokhuphiswano lwakhe olulandelayo kukhuphiswano lwekarati.
- ✂ Gcina umfanekiso kwindawo enokhuselo ukuze xa sowuqokelele bonke abalinganiswa bakwaNal'ibali, ubasebenzisele ukuyila ipowusta eyeyakho kaNal'ibali!

Reading club corner



Ikona yeklabhu yokufunda

One way to bring stories to life at your reading club, is to turn stories into plays! You can either work on one story altogether, or divide the children into smaller groups to work on different stories. Follow the steps below and have fun!



Enye indlela yokwenza ukuba amabali aphile kwiklabhu yakho yokufunda, kukuguqula amabali abe yimidlalo! Unakho ukusebenza ngebali elinye liphelele, okanye wahlule abantwana ngokwamaqela amancinane ukuze basebenze ngamabali ahluka-hlukileyo. Landelani amanyathelo angezantsi nonwabe!

1. Choose the right story

- ★ Find a story that is not too long and has plenty of action in it.
- ★ Make sure that the story has opportunities for the children to use actions and their voices to tell the story.
- ★ Stories with some rhyme and passages that are repeated are good to use, for example: *I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down.*

2. Explore the story together

- ★ Read the story to the children and show them the pictures as you read.
- ★ Ask the children to suggest ways to show different actions in the story, for example, trees swaying in a storm, an angry character thumping her fists, or a scared character hiding from danger. Try out the actions together.

3. Organise the groups

- ★ Invite two or more children to be the narrators. They will read or tell the story while other children act it out.
- ★ Invite some children to play the characters. If you can, use simple costumes, such as a hat, scarf or piece of fabric.
- ★ Children who are not narrators or characters can be part of the special effects team. They can work together to use their bodies to create sound effects, for example: thunder, rain or animals galloping. Or they can represent objects or places in the story, for example: a flower, a box, a cave or a house.

Now you're ready to begin – enjoy retelling the story as a play!

1. Khetha ibali elifanelekileyo

- ★ Fumana ibali elingekho lide kakhulu kodwa lichume ngentshukumo.
- ★ Qiniseka ukuba ibali linamathuba amanyathelo anokusetyenziswa ngabantwana ngokunjalo nawokuba basebenzise amazwi abo ekubaliseni ibali.
- ★ Amabali anemvanosiphelo neziqendu eziphinda-phindiweyo akulungele ukusetyenziswa, umzekelo: *Ibhaluni kaBheki intingele esibhakabhakeni njengekayiti.*

2. Lihloleni kunye ibali

- ★ Fundela abantwana ibali uze ubabonise imifanekiso xa ubafundela.
- ★ Cela abantwana ukuba babelane ngezimvo zabo ngeendlela zokubonisa iintshukumo ezahluka-hlukileyo ebalini, umzekelo, imithi evuthuzwa sisichotho, umlinganiswa owenza izithonga zamanqindi akhe ngenxa yomsindo, okanye umlinganiswa owoyikayo nozimela ingozi. Zizameni kunye iintshukumo.

3. Lungiselela amaqela

- ★ Mema abantwana ababini okanye ngaphezulu ukuba babe ngoonobalisa. Bona baza kufunda okanye babalise ibali ngelixa belilinganisa abanye abantwana.
- ★ Mema abanye abantwana ukuba badlale indima yomlinganiswa ngamnye. Ukuba unakho, sebenzisa iimpahla zabadlali ezingenabugocigoci, njengomnqwazi, isikhafu okanye isiqwenga selaphu.
- ★ Abantwana abangengabo oonobalisa okanye abalinganiswa basenokuba yinxalenye yeqela leentshukumo zohlobo olulodwa. Bangasebenza kunye ukuze imizimba yabo bayisebenzisele ukuyila iintlobo zezandi, umzekelo: ukududuma, imvula okanye izilwanyana eziphalayo. Okanye basenokumela izinto okanye iindawo ezisebalini, umzekelo: intyatyambo, ibhokisi, umqolomba okanye indlu.

Ngoku sowulungele ukuqalisa – yonwabela ukuphinda ubalise ibali njengomdlalo!

Nal'ibali news

Nal'ibali has launched a new project called, **Story Power in Motion**, which will see four tuk-tuk mobile libraries visiting selected townships in KwaZulu-Natal, the Eastern Cape, the Western Cape and Gauteng.

Loaded with books, stories and other reading materials, these colourful libraries will promote reading for enjoyment and also increase access to books for those living beyond the easy reach of a public library. In addition, they will offer fun public literacy events. Each mobile-library driver is a trained Nal'ibali Literacy Mentor. They will help children select books and will also do literacy-related activities with them, such as telling stories and singing songs.

At the launch of the project in each province, community members were able to find out more about the mobile libraries, including information about their set weekly route and when they will be visiting the area. Nal'ibali Supplements and brochures were handed out to those attending the launches.

"We believe every child should have the opportunity to reach their potential by falling in love with books and stories," said Nompumelelo Prusent, Head of Programmes at Nal'ibali. "This year alone we hope to reach at least 4 000 adults and children through events hosted by our mobile libraries, and we hope to sign up a further 2 000 library members."



Daniel Born

One of the new tuk-tuk mobile libraries at the launch in Orlando West, Soweto.

Enye yeetuk-tuk ezizilayibrari ezihambayo ezintsha kwitheko lesindululo eOrlando West, eSoweto.

Iindaba zakwaNal'ibali

UNal'ibali undulule iprojekthi entsha, i**Story Power in Motion**, eza kubona iilayibrari ezizituk-tuk ezine ezihambayo neziza kutyelela iilokishi ezikhethiweyo KwaZulu-Natal, eMpuma Koloni, eNtshona Koloni naseGauteng.

Zinomthwalo ophuphumayo weencwadi, amabali nezinye izinto zokufunda, ezi layibrari zimbetshe-imbetshe yimibala zikhuthaza ukufundela ukuzonwabisa ngokunjalo zandisa ufikelelo kwiincwadi kwabo bangafikeleli lula kwilayibrari yoluntu. Ngaphezu koko, ziya kwenza amatheko okonwabisa uluntu okufunda nokubhala. Umqhubi ngamnye welayibrari ehambayo uqeqeshwe njengoMcebisi welitheresi wakwaNal'ibali. Baya kuncedisa abantwana ngokukhetha iincwadi kanti baya kuphinda benze imisetyenzana enxulumene nelitheresi kunye nabo, njengokubalisa amabali nokucula iingoma.

Kwisindululo seprojekthi kwiphondo ngalinye, amalungu oluntu aye akwazi ukufumanisa iinkcukacha ezithe vetshe ngeelayibrari ezihambayo, kuquka iinkcukacha ngendlela ezihamba ngayo ngeveki nganye nangethuba eziza kuba zisendaweni ethile ngalo. Iintlelo zikaNal'ibali neencwadana zezaziso ziye zanelwa kwabo bebeze kwitheko lesindululo.


"Sikholelwa ekubeni wonke umntwana ufanele ukufumana ithuba lokufikelela kwisakhono sakhe ngokuba nothando olushushu lweencwadi namabali," utshilo uNompumelelo Prusent, iNtloko yeeNkqubo kwaNal'ibali. "Kulo nyaka uwodwa sinethemba lokufikelela ebantwini abadala nabantwana abangama-4 000 obona buncinane ngokuthi iilayibrari ezihambayo zethu zisingathe amatheko, kanti sinethemba lokusayina amanye amalungu elayibrari angama-2 000."



Daniel Born

Handing out the Nal'ibali Supplement at the launch.

Ukunikelwa koHlelo lukaNal'ibali kwitheko lesindululo.




Create TWO cut-out-and-keep books

Clever Busy Bee

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Yes, Yanga!

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

INyosi eKrelekrele neXakekileyo


1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu uko hlula amaphepha.

Yheke Yanga!

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu uko hlula amaphepha.




Njengok Tot,
 iqakamba lidlalwa
 ngamqela amabini:
 ababethi bebhola
 nabagibiseli bebhola.
 Ababethi batuna
 amanqaku amaninzi.
 Ngoke ke kufuneka
 imitsi emininzi.



Just like 3 Tins,
 cricket has two
 teams: the batters
 and the bowlers.
 The batters want
 to make the highest
 score by making the
 most runs.



A batter gets a run when they hit the ball
 and run to the other side of the pitch. But the
 bowlers don't want the batters to get any runs!
 They want them OUT!
 Umbethi ufumana ingaku xa ebethe
 ibhola ngephini ze abalekele kweinye icala
 lezint. Abagibiseli abafuni ababethi batumane
 amanqaku, batuna UKUBAKHUPHAI!



This story is a special adaptation of *Yes, Yanga!*, published by Pan Macmillan and available in bookstores and online from www.panmacmillan.co.za. *Yes, Yanga!* is available in English and isiXhosa. To find out more about this and other Pan Macmillan titles for children, go to www.panmacmillan.co.za.

Eli bali luguqulelo olulodwa oluthi *Yheke Yanga!* elipapashwe yiPan Macmillan nelifumaneka kwiivenkile zeencwadi nakwi-intanethi apha www.panmacmillan.co.za. U-*Yheke Yanga!* ufumaneka ngesiNgesi nangesiXhosa. Ukuze ufumanise banzi ngako oku nangezinye izihloko zabantwana zakwaPan Macmillan, yiya apha www.panmacmillan.co.za.



PAN MACMILLAN
www.panmacmillan.co.za

Yes, Yanga! Yheke Yanga!

*Refiloe Moahloli
 Mogau Kekana*



Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



**Drive your
 imagination**

“The Yanga, uyazi ukuba kukho umdlalo okuthiwa liqakamba? Ubufana no3 Toti, kodwa abasebenzisi itoti, basebenzisa oothinti. Awufuni ukhe uwuzame?”
 Akukho nto ayithanda njengomngeni u Yanga. “Uthi yintoni lo mdlalo Nandi?”
 “I-QA-KA-MBA! Yiza, sizowubukela kumabonakude.”





“Hey, Yanga, do you know there’s a game called cricket. It’s a bit like 3 Tins, but they don’t use tins. They use poles, which they call wickets. Maybe you should try it.”
 There is nothing Yanga loves more than a challenge.
 “What’s it called, Nandi?”
 “C-RIC-KET! Come, let’s go watch it on TV.”



Yanga is a 3 Tins champion. He has amazing skill!

UYanga yintshatsheli ka3 Toti. Unobuchule obumangalisayo!

A batter is out if they miss the ball that is bowled to them and it knocks over the wicket. Just like the ball knocks over the tins.
 “Hey, Nandi! I could do this. I could be on TV!”
 “Let’s go to my school, Yanga, cricket is one of our sports.”
 There is nothing Yanga loves more than a challenge. So off they went to Nandi’s school.
 Ukuba umbethi uyiphosile ibhola yawisa oothinti, uyaphuma umbethi. Kuwana naxa ugibisela ibhola zive itoti.
 “Tyhini! Nandi, ndingayenza le nto! Ndingavela kumabonakude!”
 “Masihambe siye esikolweni sam Yanga, iqakamba yeminye yemidlalo yethu.”
 Akukho nto ayithanda njengomngeni u Yanga. Bahamba ke baya esikolweni sikaNandi.




Ekhaya, uNandi nabamelwane bakikizela bedanisa phambi komabonakude. UYanga yintshatsheli ka3 Toti! UYanga yintshatsheli yeqakamba!



Kugale iintanga zakhe ukufuna ukudlala naye. UYanga wafunda ukubetha, kodwa waqwasela ekugibiseleni. Gilikiqi bawo oohinti!

The kids his age were the first to want him to play. Yanga learned to bat. But mostly he practised his bowling. And the wickets tumbled!




At home, Nandi and everyone else ululated and danced in front of the TV. Yanga is a 3 Tins champion! Yanga is a cricket champion!




One day, Nandi had an idea ...

Ngenye imini, uNandi weza necebo ...



“Phinda ujule, thina sime phambi kwakho.”
Hayi, gillikiqi kwakhona!
Ngumntwana otheni na lo? Unobuchule
obumangalisayo. Uyaziwa ke u Yanga
ngabahlali. Kungabizwa nokuba ngubani na
aze kudlala naye. Hayi, gillikiqi itoti!



After that, the school's first team wanted him
to play. And the wickets tumbled! The teachers
were amazed.

Emva koko, abadlali begela lokugala lesikolo
batuna ukudlala naye. Gillikiqi, gillikiqi oothinti!
Bamangala ootshala.



We try and make it harder when he
plays. Nothing ever works.
“Dude. Throw the ball from far.”
And the tins tumble!



... and into the hive. Busy Bee makes
honey with the pollen it collected from the
beautiful flowers.
... iyokutsho kwindlu yayo. INyosi
eXakekileyo yenza ubusi ngenzidi eyiqokelele
kwiinyatyambo ezimibala-bala.



Kukho umfanta omncinane phakathi
kwamatye kwindulana engqukuva. INyosi
eXakekileyo ibhubhuzela kulo mfanta ...



On a small round hill between the rocks
there is a tiny crack. Busy Bee buzzes
through the crack ...

Clever Busy Bee INyosi eKrelekrele neXakekileyo



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust
and the Project for the Study of Alternative Education in
South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go
to www.praesa.org.za.

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe
Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative
Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane
ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela
ku-www.praesa.org.za.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark and embed a culture of reading
across South Africa. For more information, visit
www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa
elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko
nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze
ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela
ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



*Awebahe Johannes Hoeseb
Brendan Ruiters
Pamella Maseko*


INyosi eXakekileyo iqokelela incindi kwezi ntyatyambo ibuye ibhabhe imke. *Bhu-u-u...*



Busy Bee collects pollen from the flowers and buzzes away. *Bzzz...*

Beautiful flowers grow in our garden.

Kukhula iintyatyambo ezimibala-bala esityeni sethu.



Busy Bee buzzes up to the flowers. *Bzzz...*

INyosi eXakekileyo, ibhabha, ibhubhuzele ifike ithi ngcu phezu kwezi ntyatyambo. *Bhu-u-u...*

UMel utya isonka esimnandi. Qashela ukuba ugabe ntoni esonkeni sakhe? Ingaba yijem? Ingaba yitshizi? Ingaba yibhotolo? Hayi...



Mel is eating a delicious sandwich. Can you guess what is on the bread? Is it jam? Is it cheese? Is it butter? No, it's...

... honey. Clever Busy Bee!



... bubusi. Obunjani bona ubukrelekrele Nyosi eXakekileyo!

Next came the professionals visiting their school. Tumble, tumble, tumble once again! What kind of child is this? He has amazing skill. That is how the story of Yanga came to be, how he became a man amongst men.

Kufike izixhili phozi zeqela lephondo zihambele isikolo sabo. Gilikiqi kwakhona! Ngumntwana otheni na lo? Unobuchule obumangalisayo. Linjalo ke ibali likaYanga, waba yindoda emadodeni!



Yanga went in to bowl. Tumble went the first wicket. Tumble went the second. Tumble, tumble, tumble ... the wickets fell until the batsmen were all OUT!


Yanga jumped high into the air. He was so happy he kissed the ground. His team ran up and jumped all over him. The reporters crowded all around him. The fans roared.

Wangena uYanga eyogibisela ibhola. Gilikiqi uthinti wokuqala. Gilikiqi owesibini. Gilikiqi, gilikiqi, gilikiqi ... balandelelana njalo BAPHELA ababethi!

Waxhuma-xhuma uYanga exhumela phezulu. Engasavuyi wade wabuya waguqa ngamadolo wancamisa umhlaba. Iqela lakhe nalo lamxhumela. Wangqongwa ziintatheli, abalandeli kuxhelwe exhukwana.



“Throw it with us standing in your way.”
And the tins tumble!
What kind of child is this? He has amazing skill. Everyone around here knows about Yanga. Anyone can be called to challenge him, and the tins tumble.



Siyazama ukumenza abe nzima u3 Toti xa edlala. Akukho nto ekhe isebenze. Siba ngathi: “Mfondini! Julia umi phaya kude.” Hayi, gilikiqi ziyawa iitoti!





“Khawujule uvule iliso elinye.”
Hayi, glikikiqi kwakhona!



“Throw it with one eye closed.”
And the tins tumble!

Waphela edlalala iqela lesizwe. Iqela lakhe lahamba amazwe amaninzi. Kuwo onke amazwe abawahambelayo, kwakusiswa oothinti! Emva kokuphumelela kweminye imidlalo, nokulaleka kweminye, iqela lesizwe lafika kumdlalo wokugqibela weNdebe yeHlabathi. Ibhixhalabisa ke le nto, iqela lesizwe belizimisele




He was selected to play for the national team. The team flew to countries all over the world. All the countries they visited, tumbling of wickets would follow! After many wins and some losses, the team made it to the World Cup Final. It was terrifying. It was also exciting. The national team was ready to do their best. But it did not start well. The other team was making too many runs. Far too many. “Hey, Yanga, we are in trouble. What can you do for us, big man?” “We need to get those batsmen out, there is no other way. They must go OUT.” As we know... there is nothing Yanga loves more than a challenge.

ukuphumelela, kodwa aliqalanga kakuhle. Elinye iqela belifumana imitsi emininzi kakhulu.

“Yhe Yanga, sisengxakini apha. Ungasinceda kanjani mfowethu?”

“Kufuneka sibakhuphe ababethi, ayikho enye indlela! Kufuneka BEPHUMILE!”

Njengokuba sisazi... akukho nto ayithanda njengomngeni uYanga.



Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Yes, Yanga!* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *Clever Busy Bee* (pages 9 and 10) and *Dog* (page 14).



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Yheke Yanga!* (iphepha lesi-5, lesi-6, lesi-7, lesi-8, le-11 nele-12), *INyosi eKrelekrele neXakekileyo* (iphepha le-9 nele-10) nelithi *UNja* (iphepha le-15).

Yes, Yanga!

- ★ Have you ever played the game, 3 Tins? Do you enjoy it? (If you haven't, why don't you try it?) What other games do you enjoy playing with your friends?
- ★ Imagine that Yanga and Nandi will be interviewed on the news. What questions do you think the news reporter will ask? What answers do you think Yanga and Nandi will give? Act out the interview with some friends.



Yheke Yanga!

- ★ Wakha wawudlala umdlalo ka3 Toti? Uyawuthanda? (Ukuba akukawudlali, kungani ungawuzami?) Yeyiphi eminye imidlalo othanda ukuyidlala nabahlobo bakho?
- ★ Yiba nomfanekiso kaYanga noNandi beza kuba kudliwano-ndlebe ezindabeni. Yeyiphi imibuzo ocinga ukuba intatheli ingayibuza? Ucinga ukuba zeziphi iimpendulo eziza kunikwa nguYanga noNandi? Dlala udlawano-ndlebe nabanye abahlobo.



Clever Busy Bee

- ★ Use toilet rolls, paper, glue, toothpicks, yellow paint and black paint to make a bee. Cut out the shape of the bee's wings, paint them and, when they are dry, glue them to the toilet roll. Paint the toothpicks black and add them to the bee to create its feelers.
- ★ Go outside and look at different flowers. Touch the flowers' anthers lightly and notice how the pollen rubs off onto your fingers.
- ★ What sounds do bees and other insects make? (Did you know that some insects make sounds that we can't hear?) Play a game where one of you makes an animal sound and then everyone else tries to guess which animal you are pretending to be.
- ★ In the story, Mel likes honey on her sandwich. What is your favourite filling? Make a sandwich using your favourite filling – and enjoy eating it!



INyosi eKrelekrele neXakekileyo

- ★ Sebenzisa imiqulu yephepha langasese, iphepha, iglu, izinti zokuvungula, ipeyinti etyheli nepeyinti emnyama ukuze kwenziwe inyosi. Sika ukhuphe imilo yamaphiko enyosi, wapeyinte aze athi akuba omile, uwanamathisele emaqulwini wephepha langasese ngegulu. Peyinta izinti zokuvungula mnyama uze uzidibanise nenyosi ukudala iimpondwana zayo.
- ★ Phuma phandle ukhangele iintyatyambo ezahluka-hlukileyo. Yichukumise kancinane nje imiqumbi yentyatyambo ukuze uqwalasele ukuba ipholeni isuka njani eminweni yakho.
- ★ Zeziphi izandi ezenziwa ziinyosi nezinye izinambuzane? (Ubusazi ukuba kukho izinambuzane ezenza izandi esingazivayo?) Dlala umdlalo apho omnye wenu enza khona isandi sesilwanyana ukuze bonke abanye bazame ukuqashisela ukuba sesiphi isilwanyana osilinganisayo.
- ★ Ebalini, uMel uyabuthanda ubusi esonkeni sakhe. Yeyiphi eyona nto othanda ukuyihlohla esonkeni? Yenza isonka esihlohlweyo ngokusebenzisa eyona nto uthanda ukuyihlohla – konwabele ukuyitya!

Dog

- ★ Use clay or playdough to create the characters in the story, or draw your own pictures of them and cut them out. Use your characters to retell the story in your own way!
- ★ Do you know of any other stories that have both animals and people in them? What happens in these stories? Are there any similarities to this story?



UNja

- ★ Sebenzisa udongwe okanye intlama yokudlalisa ukuze ubambe abalinganiswa ebalini, okanye zizobele ngokwakho imifanekiso yabo uze uyisike uyikhuphe. Sebenzisa abalinganiswa bakho uphinde ubalise ibali ngendlela yakho!
- ★ Akhona amanye amabali owaziyo anezilwanyana nabantu kuwo? Kwenzeka ntoni kula mabali? Ingaba zikhona izinto ezifanayo kweli bali?



Dog



By Kai Tuomi Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood

When the world was young, Dog was a wild thing. He spent his days wandering the land alone. At night he lay his head on his fuzzy paws and kept guard over his cave.

Nobantu, the first woman, lived in a small hut near Dog's cave. One evening as she walked home, Nobantu saw Dog with his head on his fuzzy paws, sleeping with one eye open, and she felt sorry for him.



"I wonder what I can do to help Dog?" she thought. "He looks so lonely."

As Nobantu thought about a plan, Dog woke up and barked at her.

"Dog," she called out, "you are an excellent guard."

"Yes," Dog growled, "I'm the best guard in the whole bushveld. My ears are so good that I can hear the smallest noise, my eyes can see in the dark, and I always sleep with one eye open."

"Amazing," said Nobantu. "Could you please teach me how to be a good guard? Come to my hut tomorrow at sunset. If you do, I'll give you a hot meal to eat."

Dog had never eaten a hot meal before, but it sounded good.

At sunset the following day, Dog came wandering through the bushveld towards Nobantu's hut. He greeted her and growled, "Now you must watch what I do. I'll teach you how to be a good guard."

Then Dog lay down outside Nobantu's hut, with his head on his fuzzy paws. He fell asleep with one eye open.

That night he chased away a few wild animals. In the morning Nobantu brought him a hot meal in an old tin bowl.

"Here you go," said Nobantu.

Dog gobbled up the meal.

"Did I teach you how to be a good guard?" he barked.

"I think I've nearly got it," answered Nobantu with a smile, "but maybe you could show me again tonight. If you do, I'll give you a hot meal AND I'll make a little bed for you to sleep on."

Dog licked his lips. The hot meal had been delicious, and he'd never slept on a little bed before.

At sunset, Dog came wandering through the bushveld towards Nobantu's hut. Just as she had promised, there was a little bed waiting for him. It was soft and comfortable – much more comfortable than a cave floor – and Dog fell asleep immediately with one eye open.

That night he chased away a few wild animals. In the morning Nobantu brought him a hot meal in an old tin bowl.

"Here you go," said Nobantu.

Dog gobbled up the meal.

"Did I teach you how to be a good guard?" he barked.

"I think I've nearly got it," answered Nobantu with a smile, "but maybe you could show me again tonight. If you do, I'll give you a hot meal, you can sleep on the little bed again, AND I'll scratch your back."

Dog licked his lips. The hot meal had been delicious, and the little bed was comfortable – much more comfortable than a cave floor – and he'd never had anyone scratch his back before.

At sunset, Dog came wandering through the bushveld towards Nobantu's hut. He lay down on the little bed. Nobantu sat next to him and scratched his back. What a wonderful feeling! Dog barked with happiness, then fell asleep on the little bed with one eye open.

That night he chased away a few wild animals. In the morning Nobantu brought him a hot meal in an old tin bowl. Dog gobbled up the meal.

"You know, Nobantu," Dog barked, "for three nights in a row I've tried my best to teach you how to be a good guard, but you don't seem to get it at all. I don't think you'll ever learn how to do it."

"I won't?" asked Nobantu with a smile.

"No, I don't think so," answered Dog. "The problem is that you sleep inside, your ears are too small, and you can't see in the dark. So, I have a better idea. Instead of me teaching YOU how to be a good guard, I could just guard your hut for you. In return you can feed me, give me a bed to sleep on and scratch my back."

"And what about playing?" asked Nobantu.

"Playing?" frowned Dog.

Nobantu showed Dog how to play with a stick. It was wonderful!



When they were done, they agreed that Dog would stay and be Nobantu's guard dog.

As the sun set that night, Dog fell asleep on his little bed with a smile on his face, and both his eyes closed.

And that is how he and his children, and their children's children came to live with people, and that's why dogs are no longer wild things that wander the bushveld and sleep in caves all alone.



UNja



Indawo Yamabali

Libali likaKai Tuomi Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood

Ngoko laliselitsha ihlabathi, uNja wayeyinto yasendle. Wayechitha iintsuku zakhe ezulazula ethafeni yedwa. Ebusuku wayebeka intloko phezu kwamathupha akhe afipheleyo aze agade umqolomba wakhe.

UNobantu, umfazi wokuqala, wayehlala kungquphantsi omncinane kufuphi nomqolomba kaNja. Ngenye injikalanga wathi esahamba egoduka, uNobantu wabona uNja ebeke intloko yakhe phezu kwamathupha akhe afipheleyo, elele kodwa elinye iliso elivulile, wasuka wamsizela.



"Ingaba yintoni endinokuyenza ukuze ndincele uNja?" wacinga. "Ubukeya enesithukuthezi kakhulu."

Uthe uNobantu esacinga icebo, wasuka wavuka uNja wamkhonkothela.

"Nja," wakhwaza, "ungumlindi ogqibeleleyo."

"Ewe," wagragama uNja, "Ndingoyena mlindi ubalaseleyo kulo lonke eli thafa lamatyholo liphelele. Iindlebe zam zibukhali kangokuba ndiva nengxolwana encinane, amehlo am ayabona ebumnyameni, kanti ndisoloko ndilala ndilivulile elinye iliso."

"Kuyamangalisa oko," watsho uNobantu. "Ungandincele undifundise ukuba ngumlindi olungileyo? Yiza kungquphantsi wam ngenjikalanga yangomso. Ukuba uyakwenza oko, ndiya kukunika isidlo esishushu utye sona."

UNja wayengazange akhe atye ukutya okushushu ngaphambili, kodwa kwakuvakala kulungile oko.

Ukutshona kwelanga ngosuku olulandelayo, uNja wazula-zula ethafeni elinamatyholo esiya ngakungquphantsi kaNobantu. Wambulisa waza wagragama, "Ngoku kufuneka ujonge endikwenzayo. Ndiza kukufundisa ukuba ngumlindi olungileyo."

UNja wangqengqa phandle ngakungquphantsi kaNobantu, ebeke intloko yakhe phezu kwamathupha akhe amfiliba. Wozela walala evule elinye iliso.

Ngobo busuku wagxotha izilwanyana ezimbalwa zasendle. Kusasa uNobantu wamnika isidlo esishushu ngesitya esidala.

"Thattha," watsho uNobantu.

UNja wasilwabiza eso sidlo.

"Ndikufundisile ke ukuba ngumlindi olungileyo?" wakhonkotha.

"Ndicinga ukuba ndiphantse ndakufunda oko," waphendula ngoncumo uNobantu, "kodwa mhlawumbi ungaphinda undibonise nangobusuku banamhlanje. Ukuba wenza njalo, ndiya kukunika isidlo esishushu FUTHI ndiza kukwandlalela ibhedini encinane ukuze ulale kuyo ndikonwaye umhlana wakho."

UNja wakhotha imilebe yakhe. Isidlo esishushu sasimnandi kakhulu, futhi wayengazange akhe alale ebhedini encinane ngaphambili.

Ukutshona kwelanga, uNja wazula-zula ethafeni elinamatyholo esiya ngakungquphantsi kaNobantu. Njengoko wayethembisile, kwakukho ibhedini encinane eyayimlindle.

Yayitofotofo isonwabisa – yayisonwabisa ngaphezulu kakhulu kunomgangatho womqolomba – waza uNja walala kwangoko kodwa elivulile elinye iliso.

Ngobo busuku wagxotha izilwanyana zasendle ezimbalwa. Kusasa uNobantu wampha isidlo esishushu ngesitya esidala senkcenkce.

"Khawufumane," watsho uNobantu.

UNja wasilwabiza eso sidlo.

"Ingaba ndikufundisile ke ukuba ngumlindi olungileyo?" wakhonkotha.

"Ndicinga ukuba sendifundile noko," waphendula ngoncumo uNobantu, "kodwa mhlawumbi ungaphinda undifundise ngobo busuku banamhlanje. Ukuba wenza njalo, ndiya kukunika isidlo esishushu, ungaphinda ulale kwibhedini encinane kwakhona, FUTHI ndiza kukonwaya umhlana wakho."

UNja wakhotha imilebe yakhe. Isidlo esishushu sasimnandi kakhulu, futhi yayitofotofo kamnandi ibhedini encinane – ngaphezulu kakhulu kunomgangatho womqolomba – kanti zange akhe afumane mntu omonwaya umhlana ngaphambili.

Ukutshona kwelanga, uNja wazula-zula ethafeni elinamatyholo esiya ngakungquphantsi kaNobantu. Wangqengqa ebhedini encinane. UNobantu wahlala ecaleni kwakhe wamomwaya umhlana. Kuvakala kamnandi kakhulu oko! UNja wakhonkotha ngenxa yovuyo, waza walala ebhedini encinane kodwa elivulile elinye iliso.

Ngobo busuku wagxotha izilwanyana zasendle ezimbalwa. Kusasa uNobantu wampha isidlo esishushu ngesitya esidala senkcenkce. UNja wasilwabiza eso sidlo.

"Uyazi, Nobantu," uNja wakhonkotha, "sezintathu iintsuku zobusuku ezilandelelanayo ndizama kangangoko ukukufundisa ukuba ngumlindi olungileyo, kodwa akude ufunde nakancinane. Phofu andiqondi ukuba uya kuze ufunde ukukwenza oku."

"Andinakukwazi?" wabuza ngoncumo uNobantu.

"Hayi, andiqondi," waphendula uNja. "Ingxaki kukuba ulala ngaphakathi kungquphantsi, iindlebe zakho zicinane kakhulu, kwaye akuboni ebumnyameni. Ngoko ke, ndinecebo eliphucukileyo. Endaweni yokuba mna ndifundise WENA indlela yokuba ngumlindi olungileyo, ndingangumlindi kangquphantsi wakho. Ungandibulela ngokundondla, undinike ibhedini yokulala nangokonwaya umhlana wam."

"Uthini ngokudlala?" wabuza uNobantu.

"Ukudlala?" wafinga iintshiyi uNja.

UNobantu wabonisa uNja indlela yokudlala ngenduku. Kwaba mnandi kakhulu!



Bakuba begqibile, bavumelana ngokuthi uNja makahlale abe yinja engumlindi kaNobantu.

Lathi litshona elaloo mini, uNja wabe elala ebhedini yakhe encinane enoncumo ebusweni bakhe, futhi ecimele ngawo omabini amehlo akhe.

Kwenzeka ngaloo Ndlela ke ukuze yena nabantwana bakhe, nabantwana babantwana babo baze kuhlala nabantu, futhi kungenxa yoko izinja zingasezozidalwa zasendle ezizula-zula ematyholweni nezilala zodwa emiqolombeni.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1. Be a story writer!

1. Cut out the beginning of the story *The traveller's treasure* and paste it on a sheet of lined paper.
2. Use your imagination to complete this story.
3. You might also want to draw pictures to go with your story.
4. Read your story to someone else.

Yiba ngumbhali wamabali!

1. Sika ukhuphe isiqalo sebali elithi *Ubutyebi bomhambi* uze usinamathisele kwicwecwe lephepha elinemigca.
2. Sebenzisa ingcingane yakho ukugqibezela eli bali.
3. Mhlawumbi ungathanda futhi ukuzoba imifanekiso eza kuhamba nebali lakho.
4. Fundela omnye umntu ibali lakho.

The traveller's treasure

Once upon a time, there was a very greedy man. Although he was very rich, all he ever wanted was more money.

One evening, an old traveller came to the greedy man's door.

"I've been walking all day," the old traveller said. "Please let me rest here tonight."

"Hmmm," said the greedy man. "What will you pay me?"

"I have no money with me," said the old traveller, "but tomorrow I can lead you to a special treasure and share it with you ..."



Ubutyebi bomhambi

Kudala-dala mandulo phaya, kwakukho indoda eyayinyoluke kakhulu. Nakuba nje yayisityebi kakhulu, into eyayisoloko iyifuna yayiyimali eyongezelekileyo.

Ngorhatya oluthile, umhambi osele ekhulile wafika emzini wendoda enyolukileyo.

"Oko ndihamba imini yonke," watsho umhambi osele ekhulile. "Ndinceda ndicela ukuphumla apha kwakho ngokuhlwa nje."

"Mhhh," yatsho indoda enyolukileyo. "Uza kundihlawula ngantoni?"

"Andinamali apha kum," watsho umhambi osele ekhulile, "kodwa ngomso ndingakukhokelela ebutyebini obukhethekileyo size sabelane ngabo sobabini ..."




2. Bella wants a story!

Bella is in a hurry to get to Gogo's reading club. Help her get there so that she can listen to the story Gogo is reading. Colour in the stars to find the correct path.

UBella ufuna ibali!

UBella ungxamele ukungena kwiklabhu yokufunda kaGogo. Mncedise ukuba afike apho ukuze amamele ibali elifundwa nguGogo. Faka imibala ezinkwenkwezini ukuze ufumane indlela echanekileyo.



Nal'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** by calling our call centre on **02 11 80 40 80**, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

